URhulumente
weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Moya Combrink**
ICandelo loLawulo loVavanyo
Moya.Combrink@westerncape.gov.za | 021 467 2626

Inombolo yefayili: 20/3/6/1/Timetable notifications to schools
Isalathiso: 20230614-5546

ISetyhula: 0018/2023
Umhla wokuphelelwa: 09 Disemba 2023

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli aBaziiNtloko, kuBalawuli, (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBacebisi ngeZifundo, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, nakwiiNtloko zamaziko alungiselela abaviwa kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke nezeSatifikethi seMatriki

Isishwankathelo esifutshane: *Ithayimthebhili yokugqibela yeemviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke zangoNovemba 2023*

**Isihloko: Ithayimthebhili yokugqibela yeemviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke zangoNovemba 2023**

1. Apha kuqhotyoshelwe ikopi yethayimthebhile **yokugqibela** (**isiHlomelo A**) ukwenzela iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (*NSC)* zangoNovemba 2023.

2. Iimviwo zicwangciselwe ukuqaliswa ngokusemthethweni **ngoMvulo we-30 Oktobha 2023** yaye zigqitywe **ngoLwesithathu we-06 Disemba 2023**.

3. Umsebenzi we-*Common Assessment Task (CAT)* wesifundo se-*Life Orientation (LO)* uya kubhalwa **ngoMvulo we-04 Septemba 2023**.

4. Iimviwo zepraktikhali ze-*Performing Arts Practical* neze-*Visual Arts Practical,* zicwangciselwe uMvulo we-14 Agasti 2023 ukuya kuLwesihlanu we-13 Oktobha 2023 yaye eze-*Design Practical* zibhalwa ngoLwesibini we-**10 Oktobha 2023 ukuya kuMvulo we-23 Oktobha 2023** ngokulandelelanayo.


wcedonline.westerncape.gov.za
Employment and salary enquiries: 0861 819 919 | Safe Schools: 0800 45 46 47
Western Cape Education Department

5. Iimviwo zeprakhtikhali ze-*Computer Applications Technology (CAT) Paper 1* neze-*Information Technology (IT) Paper 1,* ziya kubhalwa ngaphambi kokuqaliswa okusemthethweni kweemviwo **ngowe-24 nowe-25 Oktobha 2023** ngokulandelelanayo.

6. Iiseshoni zeemviwo ezimbini zicwangciselwe usuku ngalunye loviwo. Iseshoni yakusasa iya kuqala ngo-09:00 yaye iseshoni yasemva kwemini iya kuqala ngo-14:00.

7. Iinqununu mazazise bonke abaviwa abasisigxina ababhala iimviwo ukuba mabanxibe iiyunifom zezikolo zabo xa bebhala ngalo lonke ithuba leemviwo. Abaviwa mababekho kude kube lusuku lokugqibela lekota yesikolo (13 Disemba 2023) xa kunokwenzeka ukuba kube yimfuneko ukucwangciselwa elinye ixesha ukubhalwa kwephepha lemibuzo lesifundo esithile ngenxa yaso nasiphi na isizathu.

8. Makuqatshelwe ukuba imihla ecetywayo yoviwo lokuzivavanya ukuzilungiselela ukubhala uviwo (*preparatory examination*) iqala ukususela **kuLwesithathu** we-**06 Septemba 2023 yaye iimviwo ezibhalwa kumsebenzi osele ufundisiwe kwamanye amabakala zibhalwa ukususela ngoMvulo we-11 Septemba 2023.**

9. Iiklasi zesiqhelo maziqhubeke kude kube **ngoLwesihlanu we-20 Oktobha 2023** ukuqinisekisa ukuqhubeka kwexesha lokufundisa elininzi kangangoko kunokwenzeka yaye kukhuthazwa izikolo zenze amalungiselelo omsitho wokuzibophelela kwabafundi kwimigaqo yoviwo ngolo suku.

10. Kucelwa niqaphele olu tshintsho lubalulekileyo kulawulo lwabaviwa abakuphosileyo ukubhala iphepha lesifundo ngaso nasiphi na isizathu ngethuba lokubhala uviwo: aba baviwa kuya kufuneka ke ngoko bawabhale onke amaphepha emibuzo esifundo esithile kwiimviwo zangoMeyi/zangoJuni zonyaka olandelayo.

11. Kucingelwa ukuba ukumakishwa kweemviwo ze*NSC* zangoNovemba 2023 kuya kuqala ngowe-**09 Disemba 2023**.

12. Kucelwa wazise ngokuqulethwe yile setyhula kubo bonke abaviwa abanenjongo yokubhala iimviwo ze*NSC* zangoNovemba 2023.

**ISAYINWE:** NGU-B WALTERS
**INTLOKO: YESEBE LEMFUNDO**
**UMHLA:** 2023-06-26